URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Glynis Schreuder
ICandelo leKharityhulam ye-*FET*
Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za | 021 467 2630

Inombolo yefayili: 20230224-1836
Isalathiso: 22/2/7/2

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: 0002/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

Isihloko: ***liNcwadana zee-Tips for Success eziya kuBaviwa beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke bango-2023***

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) lilungise incwadana u-*Tips for Success* ukulungiselela umviwa ngamnye waseNtshona Koloni weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2023 nokubanceda kumalungiselelo eemviwo zabo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iinkcukacha ngeebhasari, inkcazo ngokuqulethwe zizo zonke izifundo, nee-*QR codes* zee-*Telematics videos* nenye ingcaciso eluncedo.

2. Inguqulelo eyi-*digital version* yale ncwadana inako ukufumaneka kule linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/tips-success.

3. Le ncwadana mayinikwe umfundi ngamnye webanga 12, kwaye iya kufumaneka kwisithili seSebe leMfundo ngasinye ukusukela kwikota yesi-2.

4. Ukwenzela ukuba ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo ekuncediseni abaviwa kumalungiselelo eemviwo zabo, **kucetyiswa ngokumandla ukuba ootitshala mabaxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zebanga 12** yaye babakhuthaze abaviwa ukuba bayisebenzise ngokupheleleyo unyaka wonke.

5. Anokufumaneka apha amaphepha emibuzo neememorandam zokumakisha zeemviwo ze*NSC* ezidlulileyo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/documents/Matric/matric-n/index.html

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bebanga 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-03-01